SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

Confidential

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NKANGA 2025**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-14.**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-20
   ICANDELO C: Imizuzu engama-50

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

**IMPILO YIMPILO NGOKUHLALA UZILOLONGA!**

1 Kwixesha esiphila kulo, ukuzigcina usempilweni ngokutya ukutya okunempilo akwanelanga, kunyanzelekile ukuba sizigcine sisempilweni nangokuzilolonga. Siphila kwixesha leteknoloji, ethi nangona iluncedo ngokubenza lula ubomi bethu kodwa kwelinye icala isizele neengxaki. Nakuba iluncedo nje, kwelinye icala isenze sanobuvila obugqithisileyo. Kaloku isinika ithuba lokuba izinto ezininzi sikwazi ukuzenza sihleli phantsi, simana nje ngokucofa amaqhosha. Kanti ke, ngokophando lweengcali zezempilo, kusukela kwiinkulungwane ezadlulayo, kugxininiswa ukubaluleka kokuba umzimba uhlale ulolongwa, nokuba kungokumana ushuku-shukunyiswa nje. Oko kunceda ukuba umntu abe sempilweni ngokwasenyameni, ngokwasengqondweni nangokwasemphefumlweni. Kubalulekile ke ngoko ukuba kule mihla siphila kuyo, ukuzilolonga kube yinxalenye yempilo yethu. Sakwenza njalo, sakude siphele sikonwabela ukuzilolonga, kungasidiki.

2 Zininzi iindlela zokuzilolonga okanye ezokushukumisa igazi esinokuzenza. Umzekelo, ukuhamba imiganyana emifutshane; ukuzibandakanya neziko lokuzilolonga elifana nejim, kungenjalo umntu angazilolonga nangokuzibandakanya namaqela ezemidlalo. **Ngaphandle** kwezi ndlela zikhankanyiweyo, kule mihla sele kukho neyoga, eyenzelwa ukuvoca-voca izihlunu ukuze zithambe nokukhulisa amandla okuphefumla ngokulula. Kwakhona, imithambo yeyoga yehlisa uxinzelelo lwegazi, kutsho kwehle uxinzelelo ngokwasegqondweni nokuxhalaba okugqithisileyo. Konke oku kuphucula impilo yomntu nganxa zonke. Liyinene elokuba sifumana inzuzo engummangaliso emizimbeni nasengqondweni ngokuzilolonga.

3 Ngaphezu koku kukhankanywe ngentla, ukuzilolonga komeleza amathambo nezihlunu. Kukwanceda ukuthoba ubunzima bomzimba nokuwugcina ukwiqondo eliphezulu lokulwa nezifo. Kwaye kubalula nokwenza imisetyenzana yemihla ngemihla kuba umzimba uhlala usemandleni. Oku kungenxa yokuba ukuzilolonga kuwenza umzimba uvelise iikhemikhali ezizi-endofini, ezisebenza njengesibulala-ntlungu engqondweni. Iyaphola ingqondo, umntu azive ehlaziyekile nangokwasemphefumlweni. Ziyabaleka zonke iingcinga ezidandathekisa umphefumlo. Ithi ke yakuba nokuphumla ingqondo, ibe bukhali, kube lula kuyo ukugcina ulwazi, ukulibala kuphele. Iyoga yona inceda ngakumbi kubantu abenza imisebenzi esebenzisa ingqondo kakhulu. Zikwakho neengcali ezithi ukuzilolonga kukwanciphisa nesifo sokugula ngengqondo. Ubusazi na ukuba ungaluthoba uxinzelelo nokungaphatheki kakuhle emphefumlweni ngokuzilolonga imizuzu nje engamashumi amathathu kuphela? Kuyimpilo ukuzilolonga!



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



4 Kumba wokuzilolonga abantu baneemfuno ezahlukileyo. Bambi abantu bathanda uhlobo lokuzilolonga olwenziwa ngokuphakamisa iintsimbi. Kanti abanye bakhetha ukusebenzisa oomatshini abathile bokuzilolonga. Kwezi ndidi zabantu ingxaki ekhe ibe ngumqobo amaxesha amaninzi kukungabi naxesha lakufikelela kumaziko okuzilolonga. Abo ke banokwenza izivumelwano zokuqeshiselwa oomatshini neentsimbi zokuzilolonga. Ngaloo ndlela ke umntu uyakwazi ukuzilolonga ngabo, ngaphandle kokuba ade aye kumaziko okuzilolonga. Oku kungacutha ukusilela kwinkqubo yokuzilolonga kunye nokonqena okubangwa kukuba kude nala maziko.

5 Omakuqatshelwe kukuba kwinkqubo yokuzilolonga, ukhuseleko lungundoqo. Akwanelanga ukuba umntu azi nje iindlela zokuzilolonga kuphela, kodwa <u>okubaluleke kakhulu kukuqinisekisa ukhuseleko lwezixhobo ezisetyenziswayo</u> ukuze kungabikho kwenzakala. Umzekelo, xa ubani ekhwele ibhayisekile okanye esenza umdlalo wokutyibilika emkhenkceni, kufuneka anxibe ihelmethi. Okunye okukwabalulekileyo nokufuna ukuba kusoloko kuthathelwa ingqalelo, kukuba ukuzilolonga kuhambisana nezinga lokulolongeka komntu kunye neminyaka yakhe. Kungoko kubalulekile ukuqala kancinane, umntu angazixheshi kwasekuqaleni, ukuze ke amane ukunyusa izinga lokuzilolonga ngokuhamba kwexesha.

6 Ngokwezi ngongoma zikhankanyiweyo, kucace ngokuphandle ukunxulumana kwempilo nokuzilolonga. Ukushukumisa igazi; wolule izihlunu nemisipha ngemithambo, nokomeleza amathambo, kusisiseko esingundoqo sokuhlala usempilweni. Kunjalo nje, xa uneendlela ezahlukileyo zokuzilolonga, kulula ukufikelela kwizinga lokomelela ozisikele lona. Yazi imithambo neendlela zokuzilolonga ezilungele ubudala neemeko zakho zempilo. Okubalulekileyo kukwenza le migudu eminye yayo ikhankanywe apha ukugcina ingqondo ephilileyo, ebaselwa ngumzimba osempilweni. Hlala uzilolonga, akuyi kuzisola!

[Sithatyathwe ku<u>www.essaysonline.com</u>, saguqulelwa esiXhoseni, saze salungiselelwa uviwo]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Nika enye indlela yokuzigcina usempilweni ngaphandle kokutya ukutya okunempilo. (1)

1.1.2 Xela isiphumo esibi esenziwa bubukho beteknoloji ebomini bethu ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.3 Khankanya izinto zibe MBINI eziluncedo xa umzimba uhlala ulolongwa. (2)

1.1.4 Yintoni ebalulekileyo esinokuyenza ngokwalo mhlathi ukuze sikonwabele ukuzilolonga? (1)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.5 Nika zibe MBINI iindlela zokuzilolonga ezixelwe kulo mhlathi. (2)

1.1.6 Lizisa ntsingiselo ni igama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi ngokubhekiselele kwiindlela zokuzilolonga? (2)

1.1.7 Kutheni kuluncedo ukwenza imithambo yeyoga ngokwalo mhlathi? (1)

1.1.8 Tolika okuthethwa sesi sivakalisi silandelayo.

Konke oku kuphucula impilo yomntu nganxa zonke. (2)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Ibinzana 'imizuzu nje', lisixelela ukuba ukuzilolonga ...

A kwandisa ixesha.
B kuthatha ixesha elincinane.
C kudinga ixesha labucala.
D kusokolisa kakhulu. (1)

1.1.10 Ngqina ngolwazi olukulo mhlathi ukuba ukuzilolonga kunceda umzimba ukwazi ukulwa neentlungu. (1)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.11 Xela iindlela ezahlukileyo zokuzilolonga ezisetyenziswa ngabantu. (2)

1.1.12 Kucetyiswa ukuba bangenza ntoni kulo mhlathi abo bangafikeleliyo kumaziko okuzilolonga? (2)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.13 Ngcinga ni eziswa sisivakalisi esikrwelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi? (2)

1.1.14 Xhasa imbono yokuba kubalulekile ukuba umntu angangxami athi chu xa esaqala ukuziqhelanisa nokuzilolonga. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.15 Ingaba le tekisi iphumelele ukubonisa ukubaluleka kokuzilolonga? Xhasa impendulo yakho. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Uthatyathwe ku-www.pinterest.com]

1.2.1 Nika izinto zibe MBINI ezibonakalisa ukuba aba bantu bakulo mfanekiso bayazilolonga. (2)

1.2.2 Xela injongo yomzobi ngalo mfanekiso. (2)

1.2.3 Nika uvakalelo lwabantu abasemfanekisweni. Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga neengcebiso ezinokukunceda ukuba uhlale usempilweni.

Funda ISICATSHULWA C esingezantsi uze ubhale **iingongoma eziphambili ezingee-ngcebiso malunga nezinto ezingakunceda ukuba uhlale usempilweni**.

### IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka kwisi-1 ukuya kwisi-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**UNAKHO UKUZIGCINA USEMPILWENI!**

Kule mihla, ukuxakeka kakhulu kusichaphazela sonke. Oko kwenza singayinonopheli impilo yethu ngokukuko, de sibone sekonakele. Ukugcina umzimba, ingqondo nomoya wakho uhlale usempilweni, yenza oku:

Sela amanzi utye nokutya okunezakhamzimba ngokomlinganiselo ofanelekileyo. Amanzi kunye nokutya kunezikhuseli-mzimba ezimiselweyo ezinceda ekuvuseleleni udlamko lomzimba rhoqo ngosuku. Ngolo hlobo amajoni omzimba afumana ukomelela ekulweni nezifo.

Ziphathele ukutya okuphekwe ekhaya xa usiya emsebenzini okanye esikolweni. Ukuziphekela nokuzinongela ukutya ngokukuko kuyimpilo. Kaloku, ukutya okuthenga sekuvuthiwe akusoloko kuyimpilo.

Zinike ixesha elaneleyo lokuphumza ingqondo nomoya wakho. Oku ungakwenza ngokuhlala kwigumbi elingenangxolo, uvale amehlo, uphefumlele ngaphakathi nangaphandle. Eli lithuba lokumediteyitha nokupholisa ingqondo.

Ukuvuka kwakusasa kuneziphumo ezincomekayo kuthi. Hlaziya ingqondo yakho nomzimba ngokuvuka ekuseni ufumane impepho. Ungavuka uhamba-hambe ubethwe ngumoya opholileyo. Ingqondo ehlaziyekileyo inegalelo kwimpilo entle.

Qiniseka ukuba uthatha ikhefu elifutshane wolule umzimba rhoqo xa usebenza ixesha elide uhleli phantsi. Yimithambo eswabulula izihlunu nemisipha, ngakumbi xa kusetyenzelwa ngaphakathi endlwini. Kuyingozi engqondweni ukuqolozela umsebenzi ndawonye ixesha elide.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

Ixhala lidala ukungonwabi, ukunyuka koxinzelelo lwegazi ngamandla nokungathathi ngqalelo kokukungqongileyo; lenza izihlunu ziqine nokubila okumandla. Yenza iyoga ukwehlisa ixhala, ukupholisa ingqondo noxinzelelo lwezihlunu. Lwakuthomalala uxinzelelo, luyehla uvalo.

Yomeleza ingqondo yakho ngokusoloko unethemba lokuhle. Ithemba ligcina ingqondo nomzimba uphilile, ngenxa yokujonga ubomi ngecala elihle. Ukubanethemba kusisiseko sempilo kule mihla enoxinzelelo olumandla. Singayikokosa impilo ngethemba kuphela.

Konke oku kuyimizamo yokugcina umzimba, ingqondo nomoya uphilile ukuze kwehle izinga loxinzelelo. Kungoko kubalulekile ukuqaphela iindlela esiphila nesiziphatha ngayo ebomini.

[Sithatyathwe ku-www.essaysonline.com, saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sithatyathwe ku-www.bloomnu.com, saguqulelwa, saze sahlelwa]

3.1 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli kwesi sivakalisi silandelayo.

Igama 'Yikha' elikwisibhengezo-ntengiso libhekisa (kumthengi/kumthengisi). (1)

3.2 Xela isizathu sokusetyenziswa kweefonti ezahlukileyo kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Kwibinzana, 'Yikha kanye nje' kusetyenziswe ulwimi ...

A oluqhathayo.
B olungcinga icalanye.
C olucengayo.
D oludlelelelayo. (1)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

3.4 Chonga ibinzana elithetha ukuba kuninzi okuza kufunyanwa ngumthengi kule mveliso. (1)

3.5 Xela injongo yokusetyenziswa kwalo mfanekiso ukwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.6 Nika ulwazi olungekhoyo kwesi sibhengezo-ntengiso olunokwenza ukuba kungabikho lula ukuba abathengi bayithenge le mveliso. (2)

3.7 Ingaba kuluncedo kumthengi ukubekwa kwenani labantu abenze iirivyu kwesi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithatyathwe ku-www.@BrianCrane yaguqulelwa, yalungiselelwa uviwo]

4.1 Xela ukuba bangaphi abalinganiswa abakule khathuni? (1)

4.2 Xela ukuba usityhilela ntoni umbuzo kaSkip kwiSAKHELO SOKU-1? (1)

4.3 Chonga igama elisisithethantonye segama, 'ndinciphise' kwintetho kaNkqayi ekwiSAKHELO SESI-2. (1)

4.4 Chaza injongo yokuba uNkqayi abe yedwa kwiSAKHELO SESI-2. (2)

4.5 Chaza inkangeleko yomlomo kaSkip kwiSAKHELO SOKU-1 nakwiSAKHELO SESI–3. (2)

4.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama elibhalwe ngqindilili KWISAKHELO SESI-3 liqulethe intsingiselo ...

A yentsusa.
B equkayo.
C erheshayo.
D efihlakeleyo. (1)

4.7 Ingaba kulungile ukuba uNkqayi umba wokuguga awayamanise nokungazilolongi? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

Qaphela, kwesi sicatshulwa kukho amagama apelwe gwenxa ngabom.

**ISICATSHULWA F**

**IMPILO ENTLE NGOKUZILOLONGA RHOQO**

Ukuzilolonga yindlela eqinisekisa ukuba siphila ubomi obude. Impilo iba ntle xa sizilolonga rhoqo. Ayehla amathuba okuhlaselwa zizifo ezifana nesifo seswekile, esoxinzelelo lwegazi nesentliziyo. Kuluncedo kakhulu nasekunciphiseni umzimba kule mihla.

Wonke umntu unakho ukomeleza izihlunu, abalekise negazi nje ngokuhamba-hamba, aqubhe, adanise, kanti nangokuzenzela **imisebenzi** yegadi. Kukwakhuthazwa ukusebenzisa izitepusi kunokusebenzisa iilifti. Konke oko akuyi kukuchithela mali. Zithi iingcali, 'zilolongeni kangangemizuzu eli-150 ngeveki'.

Ngokujalo kukwabalulekile ukulumnkele ukwenzakala ongakufumana. Konke oku kulandelayo kukhuthaza <u>impilontle</u>. Xa ukheth' ukuhamba-hamba qinisekisa ukuba ukwenza oko nabahlobo okanye ukhetha ezona ndawo zikhuselekileyo. Ukuqubha lwenza wonwabe nosapho lwakho kwiindawo ezikhuselekileyo, ezinabancedi abasindisa abantu bangatshoni emanzini.

[Sithatyathwe ku-www.mandlahealth.co.za, saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

5.1.1 Chonga isihlanganisi kwesi sivakalisi silandelayo.

Impilo iba ntle xa sizilolonga rhoqo. (1)

5.1.2 Khetha ibinzana elisisihlomelo sexesha kwesi sivakalisi silandelayo.

Kuluncedo kakhulu nasekunciphiseni umzimba kule mihla. (1)

5.1.3 Chonga amagama amaBINI emboleko kwesi sivakalisi silandelayo.

Kukwakhuthazwa ukusebenzisa izitepusi kunokusebenzisa iilifti. (2)

5.1.4 Lungisa iziphene zopelo kwesi sivakalisi silandelayo.

Ngokujalo kukwabalulekile ukulumnkele ukwenzakala ... (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

5.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'impilontle' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa lisisibizo ...

A esiyinto ephathekayo.
B esiligama lomntu.
C esimbaxa.
D esilula. (1)

5.1.6 Uphawu lokubhala [**'**]olusetyenziswe kwesi sivakalisi singezantsi (luphawu lombuzo/sisimeli nobumba).

'Xa ukheth' ukuhamba-hamba qinisekisa ukuba ukwenza oko nabahlobo' (1)

5.1.7 Guqula isivakalisi esingezantsi sibe kwingxelo-ntetho.

'Zilolongeni kangangemizuzu eli-150 ngeveki', zitsho iingcali'

Qala ngolu hlobo: Iingcali zathi ... (2)

5.1.8 Nika isinciphiso sesibizo esibhalwe ngqindilili kwibinzana elingezantsi.

... kanti nangokuzenzela **imisebenzi** yegadi. (1)

5.1.9 Xela ukuba sisetyenziswe njani isimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

... ukhetha <u>ezona</u> ndawo zikhuselekileyo. (2)

5.1.10 Fakela isivumelanisi sentloko esichanekileyo kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Ukuqubha <u>lwenza</u> wonwabe nosapho lwakho. (1)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthatyathwe ku-www.bayedenews.com waze walungiselelwa uviwo]

5.2.1 Bhala isivakalisi esilandelayo sibe kwimo evumayo.

Asizi kunceda mhlobo wethu. (2)

5.2.2 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo sibe liqhalo eliphuhlisa intsingiselo ethi, 'abantu bayancedana'.

Izandla ... (2)

5.2.3 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo utshintshe isenzi esikwizibiyeli sibe kwimo ende.

Aba (bazohamba) nomhlobo wabo ngomso. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African